




**one
man
Can**

Indoda Nganye ingabayinkokheli engumzekelo

Abashumayeli, abafundisi betyalike zamajuda, zamasilamsi,
nezamakrestu kune nezinye iinkokheli zakwalizwi



**UXWEBHU
NGEZEKOLO**

Umfazi olixhoba lokuxhatshazwa uxelela umfundisi ukuba selefikelele kwisigqibo sokuba uyalishiya iqabane lakhe elithi limxaphaze. Umfundisi uyamkhuthaza yaye esithi uThixo akafuni ahlale pantsi kwalompatho enzima, apha ubomi bakhe kunye nobabantwana bakhe busesichengeni.

Kwintlanganiso yamakhola emvaba ngemvaba , iinkokheli zakwalizwi zamaSilamsi, amajuda, amaHindu kune namaKrestu ezisuka kulo lonke elaseNtshona Koloni zisungula umgaqo kwaye zivuselela nezigqibo zazo zoku thintela nanobundlobongela oboqondene namanina.

Emva kokubulala okuphatelene nobundlobongela ekhayeni apha ekuhlaleni, umfundisi wetylalike yamajuda ubiza intlanganiso enkonzweni ukuze kuxoxwe ngendlela apha uluntu lungathi luthabathe amanyathelo ngesisehlo.

Kutheni iinkokheli zakwalizwi kufuneka zikhuthaze amadoda ukuba abeyinxalenyenokuchasa ubundlobongela emakhaya kune nobundlobongela ngokwesini?

abantu abaninzi base Mzantsi Afrika ngamalungu apheleleyo etyalike kune neenkolo zomoya, kwaye amaxesha amaninzi babhenela kwinkokheli zakwalizwi ukuba zibakhokhele kwindlela abanothi bajongane nobundlobongela ngayo. lintlangano zetaryalike zidlala indawo ebaluleke kakhulu ukubumba iinkolo eluntwini, kwaye zibekeke endaweni engaqhelekanga yokukhokhela imizamo yokuphelisa ubundlobongela oboqondene namanina.




Kukho ukwabelana kwezimvo phakathi kwenkolo zomoya ukuphelisa ubundlobongela obuqondene namanina kune nabantwana. lintlangano zenkolo zingakwazi ukufikelela kubantu abaninzi abasoloko beselishweni lokungafikeleki kwezinye intlangano ngemiyalezo yokuzikhusela nenkxaso yamaxhoba, ulwazi, kanye nokubophelela izaphuli mthetho kwizenzo zazo.

Ukuvula iminyango yoqequesho Iwamalungu, kwangamanye amalungu eenkozo eluntwini, nokwakha kune nokuxhobisa ngokwaneleyo uluntu. Ukuze lukwazi ukuhlalutya imiba ephathelene nokuphelisa ubundlobongela obuqondene namanina kune namantombazana. Ukwenjejalo kunganyusa ngamandla indima edlalwa zinkolo eluntwini.

Okulandelayo ngamanyathelo iinkokheli zetaryalike nezenkolo, kune nezomoya, ezingathi ziwathabathe ukuphelisa ubundlobongela obuqondene namanina kune nabantwana.

Zingenza ntoni iinkokheli zakwalizwi ukukhuthaza amadoda ukuthi athabathe amanyathelo okuphelisa obubundlobongela obujongene namanina kune nabantwana?

- **Yiba sisibonelo esihle:** iinkokheli zenkono zisendaweni engaqhelekanga yokuphembelela amalungu enkonzo kune noluntu ngokubanzi. Uluntu lubabona njengezibonelo, kwaye bengamadoda aphethe abanye abantu ngentloniph, bekwazi nokusombulula iingxaki ngaphandle kokusebenzisa ubundlobongela kune nokuthabatha inkxaxheba kwimizamo yokubumba uluntu olulawulwa ngumthetho.
- **Yiba yinkokheli engumzekelo omhle:** iinkokheli zenkolo zinganikela ngexesha lazo ngokuba ngamalungu ebhodi zabaphathi kwintlelo eziphatelene nobundlobongela ekhayeni kune nobundlobongela ngezesondo, kwingingqi abahlala kuyo. Khuthaza amadoda athethe phandle kwaye asebenzise impembelelo zavo ukuphelisa ubundlobongela obuqondene namanina namantombazana ngandlela zonke. Xhasa amadoda asungule indibano zamadoda apha bangakwazi ukuxoxa imiba ephathelene namadoda okanye bazibandakanye nendibano eseles zikhona ekuhlaleni.
- **Yenza indawo yonqulo, ibeyindawo ekhuselekileyo** yamaxhoba obundlobongela obuqondene namanina. Bonisa izinto, amaphepha kune nemizobo enenkukacha neenombolo zenkono zoncedo Iwamaxhoba obundlobongela. Qinisekisa ukuba indawo okuyo yenza amaxhoba azive ekhululekile kwaye akwazi nokuthetha ngokubehleleyo ukuze afumane ukuphila emphefumlweni.



- 
- **Ngenelela:** ukuba urhanelu ukuba kukho ubundlobongela obukhoyo phakathi kwezithandani okanye usapho. Thetha nomntu ngamnye kubo. Jonga imiba elandelayo ngokuthetha namaxhoba kunye nezaphuli mthetho.
 - **Xhasa amaxhoba:** Sungula amaqrurhu enkxaso zamanina afuna ukuphila emphefumlweni, nasentliziyweni. Xhasa ukuqhubekeka kokubandakanywa kwamaxhoba kumphakathi abathe bazikhethela wona, xa isaphuli mthetho eso kusenzeka siphuma kwindawo enye nexhoba.
 - **Fundisa ibandla:** ququzelela intshumayelo yoluntu ngomba wobundlobongela ngezesondo kunye nobundlobongela emakhaya, ngentsuku ezilishumi elinesithandathu ezibekelwe bucala ukuthabatha amanyathelo ngobundlobongela (16 Days of Activism). Hlala ubandakanya uluhlu lwemiyalelo ngobundlobongela kumaphepha ndaba, ibhodi, kwizifundo zabatshati nabalungiselela ukutshata, nakwi nkomfa ezifundisa ngobundlobongela obujongene namanina. Xeleta ibandla ngemiqathango yoluulu olukhankanya indlela uluntu olungaxhasa ngalo amaxhoba, kwaye nendlela olunga phatha ngayo umaphuli mthetho, okanye abo bathi baphembelele ubundlobongela.
 - **Sebenzisa iqonga:** iinkokheli zetyalike zomoya zingakwazi ukuba negalelo elinamandla kwingcina neencolelo zabantu, kwaye inkokheli ibalulekile. Zibophelele ukwenza ingxaki yobundlobongela obujongene namanina nabantwana, ingxaki ebalulekileyo kwaye nexhalabisayo kuluntu. Gxinisa imfundiso, izenzo kunye neenkubo eziphakamisa amalungelo amanina, ukuze bakhululeke ebundlobongeleni, imfundiso ezifana nokuxhasa amaxhoba, inkubo eziphakamisa ukulingana kwabafazi namadoda, kunye nokuhlonitshwa kwamanina namantombazana.
 - **Nikela ngendawo:** nikela ngendawo yokufundisela kumaqrurhu enkxaso okanye indawo ekhuselkileyo apha abazali abangamaxhoba bangandwendwela khona abantwana babo. Nikela ngokuthi kusetyenziswe indawo okanye izixhobo ukuzama ukubandakanya amadoda kwimizamo yokuphelisa ubundlobongela-indawo yentlanganiso, amadonga apha kungazotya imifanekiso ephathelene nokuphelisa ubundlobongela emadoden, njalo, njalo.
 - **Zibandakanye namaziko kunye nezixhobo esele zikhoo:** iinkubo ezichasa ubundlobongela nokuxhatshazwa kwamanina okanye iziko elinikezela ngezixhobo zenxaso okanye unikezele ngenxaso efana naleyo enikwa leliziko kwintsapho njengoko zisakha ubomi kabutsha emva kwesehlo sokuxhatshazwa.
 - **Yiba sisixhobo:** Qokelela ulwazi olwaneleyo ngezifundo kunye nezibhalo ezingcwele, uze uqonde ngcono kwaye ukwazi ukuthabatha amanyathelo ngokuxhatshazwa ngezesondo nobundlobongela ekhayeni.
 - **Xhasa uqequesho lwengcali:** khuthaza kwaye uxhase uqequesho lwengcali zakwalizwi, abashumayeli kunye nabafundisi nabafundi bezibhalo, ukwandisa ulwazi lwabo ngokuxhatshazwa ngezesondo nobundlobongela emakhaya.
 - **Xazulula imiba engaphakathi:** khuthaza imizamo yamaziko ezenkolo ukujongana nezityholo zokuxhatshazwa zinkokeli zakwalizwi, ukuqinisekisa ukuba inkokheli zakwalizwi zizixhobo ezikhuselekileyo ukunceda amaxhoba nabantwana babo.

Ukuthabatha amanyathelo ngobundlobongela ekhayeni: imiqathango elungiselelwe abashumayeli, abafundisi betyalike zamajuda, zamasilamsi, nezamakrestu kunye nezinye inkokheli zakwalizwi.

OMAWUKWENZE noMAWUNGAKWENZI nexhoba lobundlobongela ekhayeni

OMAWUKWENZE...

- 
- 
- **Kholelwa koko akuxelela kona.** Inkcazelu yakhe ngobundlobongela athe wajongana nabo isesisiqalo.
 - **Mqinisekise ukuba ayilotyala lakhe** kwaye akufanelanga ukuba aphathwe ngalondlela futhi ingeyiyo nendlela uThixo afuna aphathwe ngayo. Mqinisekise ngothando lweNkosi kunye nobukho buka Thixo.
 - **Mnike inkcazelu epheleleyo** apha angafumana uncedo khona. (uluhlu lwezixhobo luyafumaneka ekupheleni kwalencwadana).
 - **Mxhase kwaye uhloniphe nezigqibo zakhe,** nokuba uyayazi indlela angathi abeke ubomi bakhe esichengeni kulemeko nangaphezulu, ukuba ufunu ukubuyelana nalowo uthe wamxaphaza. Eso, sisigqibo sakhe, kwaye kufanele usihloniphe.
 - **Mkhuthaze ukuba acinge ngendlela angathi azikhusele ngayo.** Ukwjenjalo kulula kwaye kumnceda ekubeni ahiale exhulumene nenyani ngobundlobongela bomxaphazi.

- **Uze ungaxeleti namnye umntu ngaphandle kokuba nivumelena ukuba wenze njalo.**
- **Mncede ngengxaki yakhe ngezenkolo.** Umncede abone ukuba ubundlobongela bomyeni wakhe bophule izibhambathiso ezingcwele zomtshato kwaye uThixo akafuni ukuba aqhubekeke, ahlale apha ubomi bakhe noba babantwana bakhe busesichengeni.
- **Mxhase** kwaye umncede azilele ukulahlekelwa kwakhe ngumyeni kunye nokulahlekelwa kwabantwana bakhe nguyise xa isisigqibo sakhe sokwehlukana nomyeni wakhe ngenxa yobundlobongela.
- **Thandaza naye.** Cela uThixo ukuba amnike amandla nenkuthazo ayidingayo ekuphumeleleni.
- **Nxebelelana nabanye abantu** eluntwini abangathi babenolwazi oluphangaleleyo, bakwazi ukunceda, nongathi ukwenze ukunceda ixhoba.

OMAWUNGAKWENZI...

- Ukunciphisa imeko yengozi elijongene nayo ixhoba. Ungaba sisibonelo senyani.
- Ukumxeleta amakakwenze. Mnike ulwazi kunye nenkxaso.
- Ubonise umathuko, ukwenyanya kunye nomsindo ngoko akuxelela kona.
- Umbeke ityala ngobundlobongela beqabane lakhe.
- Mxelele ngolwaluleko lamaqabane “uqiniso mtshato,” “intetha ntethwano” okanye “iworkshop ngonxebelewano.”
- Umthumele ekhayeni ngomthandazo kuphela kunye nemiyalelo yokuba athobele umyeni wakhe, okanye aze naye kuwe, okanye aqhubeke anqule umyeni wakhe, ukuze abengumfazi osisibonelo esihle senkonzo.
- Umkhuthaze ukuba amxolele, abuyelane naye.
- Umkhuthaze ukuba axhomekeke kuye okanye azibandakanye naye ngentliziyo okanye ngesondo.
- Ungenzi nto.

OMAWUKWENZE noMAWUNGAKWENZI **NOMXHAPHAZI**

OMAWUKWENZE...

- Yiya kuye, ukuba ubanjiwe umxelele ngenyalabo yakho ngaye okanye ngenkxaso yokumelana nokuthabatha uxanduva ngobundlobongela bakhe.
- Phendula uphinde ujongane nemibuzo angathi avele nayo ngezenkolo.
- Mxelele ukuba ubundlobongela yingxaki yakhe, hayi eyeqabane lakhe. Mxelele ukuba nguye kuphela onokuthi aphelise obobundlobongela kwaye nawe uyafuna ukunceda.

OMAWUNGAKWENZI...

- Ubenentlanganiso naye wedwa emfihlakalweni. Yiba nentlanganiso naye endaweni apha kukhona abantu amaxesha onke, njenge nkonz.
- Uye kuye okanye umxelele ukuba uyazi ngobundlobongela bakhe ngaphandle kokuba a) uvumelane nexhoba, b) ixhoba liyazi ngezicwangciso zakho zokuthetha naye, kwaye c) uqinisekile ngokwahluwan kwabo.
- Uqhubeke ngokwaluleka izithandani ukuba uyazi kukho ubundlobongela obuqhukayi phakathi kwabo.

**Eliphetshana ziziphumo lotshintsho oluthatyathwe kwi FaithTrust Institute
(ifudula ibizwa nge Center for the Prevention of Sexual and Domestic
Violence) Seattle, WA (2002)**
<http://www.faithtrustinstitute.org>

**Ngenkcazelot ethe vetshe ngokufumana uncedo, bona uluhlu lweendawo
zeenkonzo kwi One Man Can Action Kit, okanye ndwendwela iwebsite
yethu kwa**
www.genderjustice.org.za/onemancan

